

SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal



You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊

Thank You for Supporting SA Exam Papers

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ www.saexampapers.co.za



**SA EXAM
PAPERS**

SA EXAM
PAPERS



**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2023

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P3

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:
ICANDELO A: Izincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi emide (30)
ICANDELO C: Imihlathi emifutshane (20)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo-njalo), hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:
 - 80 emizuzu kwiCANDELO A
 - 40 emizuzu kwiCANDELO B
 - 30 emizuzu kwiCANDELO C
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYPE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240. Apho ungasinikwanga khona isihloko sinike. Khumbula ukuYILA.

- 1.1 Ndandikhona ndisazi kakuhle eso siganeko [50]
- 1.2 Andinakuphila ngaphandle kwe ... /ko ... [50]
- 1.3 Sandivuyisa ke eso sipho [50]
- 1.4 Ukubukela umabonakude kungalunga [50]
- 1.5 Iqela lezopolitiko elilawula ilizwe malikhathalele umbutho walo kuphela [50]
- 1.6 Loo mini yandihambela kakuhle [50]
- 1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Bhala inombolo yombuzo (1.7.1 OKANYE 1.7.2). Nika isincoko sakho isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Makubekho ukuzalana okucacileyo phakathi kwesincoko nomfanekiso owukhethileyo.

1.7.1



[Uthathwe kuwww.scenario.co.za] [50]

1.7.2



[Uthathwe kuwww.shutterstock.com]

[50]

AMANQAKU ECANDELO:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha umhlathi omde ube mNYE kule ilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umtshana wakho ileta umncome ngomsebenzi awenzayo wokunceda abantu abadala kwindawo ahlala kuyo. [30]

2.2 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini yesikolo sakho ulumkise abantwana ngeendlela abanokuzikhusela ngazo ekuxhwilweni (ekubiweni kwabantwana). [30]

2.3 INTETHO

Bhala intetho oza kuyenza kwinkomfa yabafundi malunga nokukhetha ikhondo umntu afuna ukulilandela (ikhariye). [30]

2.4 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo ephakathi kukaXolisa noMpho. UXolisa omele ukuba ulutsha maluvunyelwe ukuya kwiindawo zokonwaba xa luneminyaka engama-22, uMpho yena umele ukuba maluvunyelwe xa lune-18 leminyaka. [30]

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C**UMHLATHI OMFUTSHANE****UMBUZO 3**

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80 (umxholo kuphela). Khumbula ukuYILA.

3.1 ISIBHENGEZO NTENGISO


Bhala isibhengezo ntengiso uthengise iApp oyenzileyo encedisa abafundi kwizifundo zabo. [20]

3.2 UNGENISO KWIDAYARI

Bhala ungeniso kwidayari lweentsuku ezi-4 malunga nohambo ubuluthabathile ngexesha leholide. [20]

3.3 IZALATHISI

Umhlobo wakho useTrain Station ufuna ukuya eHospital, bhala izalathisi umalathise indlela aza kuhamba ngayo ukuze afike.



[Ithathwe ku<http://blog.sproutenglish.com>] [20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100